

Imvo Zabantsundu.

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-HLANU, JANUARY 3, 1889

[No. 268

IXESHA LE BHOLA, 1889.

DYER NO DYER,

BANZIKA into eninzi ye Mpahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABABHUBHILEYO.

I-BHATI.

Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s
„ Ezilunge ngapezulu 21s
„ Ezispeshele 21s „ Eziketiweyo
25s „ Duplex Driver 30s
Zika Cobbet's Ezizi Single Cane 15s „
I Ezizi Double Cane 17s
Zika Cobber's Cane Zonke 19s
„ Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's
ezi Double Cane 13s 6d
„ ezi All Cane 16s 9d
„ ezo Kuncotula 19s 6d Zamadoda
zoku praktisa 5s 6d, 8s
„ Dove Tail (extra strong) 9s

I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d.

I-Stumps 5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d.
„ extra strong 6s 3d.
Ezentsapo 2s 6d.
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s
Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindwe
katatu 9s.
„ i Catgut „ 10s.
„ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

IZANDLA

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu
lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.
Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and ' 9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.
I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa, Intonga ze
Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza
ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER, ABANENGUBO ZAMANENE,

KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini,
amanani awodwa kule mpahla. Paula Mlesi!

BON MARCHE!

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani

angemakulu],

E-GRAHAMSTOWN

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye.
Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 1/2d. yd.
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 3/4d. yd.
Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 1/2d. ne 6d. yd.
Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye.
Iblanket zoboya ziqala 5/- inye.
Amabhayi 2/- ilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela ziqitiseleyo, yi Ledi esand'
ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba
utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye uyakubuye ayinikwe isheleni
ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMSTOWN

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.

Ababhuhileyo.

MSIKINYA.—E Aliwal North, ngomhla we
sine (4) December, 1889, kubhubhe
u ADELLE LEAH, intombi ka J. no S.
MSIKINYA; ubudala iminyaka 2 ne nyanga 2
nentsuku e 2.

ABABHUBHILEYO.

MAFEKE.—Ngo 7th December, 1889,
kubhubhe u SOPHIA MAFEKE, Inkosikazi
ka Abednego Mafeke. Izihlobo
mazamkele lombiko. "Banetamsanqa
abafela e Nkosini."

MQANDA.—Kubhubhe ngomhla wa 20
December, 1889, u ALFRED THOMAS
MQANDA, obudala buyiminyaka elishumi eline
sibozo. Umke nomlambo, i Bira, ekuseni, bevela
e Simnareni e Heald Town. Izihlobo mazamkele
lombiko

THOMAS J. MQANDA.

Etyityaba,
27th December, 1889. 3it13 1,90

BONISANI

U JOHN JONGILE FADANA. Wabeke ese
Dikeni, wesuka apo waya ku Seplan,
wesuka apo waya ku Ngqwaru.
Ndangqibela esingise ngase Skapu
(Tarkastad). Owazi into ngaye wobhalela
ku Mhleli we Mvo, okanye kum
WM. DANIEL,
S. Marks.

3it14,1,90

YE VANINA?

INTLANGANISO yo Manyano yomzi wase
Mamfengwini yoba ngo 11th
JANUARY, 1890. Ayingenanga ngo 24th
December ngenxa ye Kresmesi.
S. T. KAKAZA, Unobhala.
Nomaheya.

Umanyano nge Mfundo

[N. E. A.]

INTLANGANISO yolu Manyano iyakuba
se Mgwali wakwa Ngqika ngomhla we
14 ku January. 1890, ngolwesi-Bini evekini.
Yoqala ngexesha leshumi (10 o'clock) kusasa.
Amapela akufundwa :—" Isimilo," ngu
Mr. David Bolani. "I Teachers na Bafu,
ndisi ukuzenza inkosi kubantu ezibapeteyo,"
ngu Mr. Robert Gosa. U Mr. D. Marela no
Miss Elsie Yake nabo baya Lifunda amapepa. U
Mr. P. Tyamzashe uya kundulula ingxoxo nge
"Government Good Service Allowance." Onke
amalungu ayacelwa, ze alinge abeko.
Ngo-MVULO, 13TH JANUARY, 1890,
u Mr. Kenneth Ncapayi woba se Dohne
Toll nenqwelo yokukwela amanenkazi
namanene aya kuya ngo loliwe e Mgwali.
Ixesha lokukwela kuloliwe ngu 8 o'clock
kusasa e Qonce.
SOLOMON GOVO, Secretary.
Burnshill, December, 1889. 19,1,90

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka DECEMBER.

Umhlaba mau'hlakulwe, ucokiswe kwinto
ezilinyiweyo.

IMITI YE ZIQHAMO eyamiliselwa
entlakohlaza, nexakatileyo mayi
ncencetshelwe kanobom.

Hlwayela i Cauliflower ne Cabbage, (Ezona
koliflawa, nama Kapetshu mahle ngambewu
zihlwayelwa kwa se Hlotyeni.)

Umbona, Osenza, i Tyukumba.
Intyabontyi, Amatanga, Imbotyi, I Ertyis, I
Radish, I Letesi, ne Spinach,
zingahlwayelwa nazo.

W. & C. GOWIE,

GRAHAM'S TOWN.

Telegraphic Address: "OATLANDS,
Graham's Town.

ABAZELWEYO.

LUSASENI.—Ngo 10th October, 1889,
Inkosikazi ka PATO S. LUSASENI e
Ndakana, ibeleke Unyana. 2it9,1,90

PAULA!

O Messrs. Webb & Wilson

BA YA

KUVULA IVENKILE ZABO

ZASE

BATENJINI

NGO

1ST FEBRUARY, 1890.

John J. Irvine & Co.,

KING WILLIAMS TOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12/6,14,-, 16/-, 18/-, 20/.

IBHATYI „ „ —5/-, 6/9, 8/9, 10/6, 12/9.

I-Bhulukwe „ „ —4/-, 6/6, 5/6, 6/6, to 15/-.

Imitika emnyama (yokutshata)—12/6,15/9, 17/9.

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16/9 to 18/9.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d., 1/-, 1/3,1 /6,2/

Ihempe ze fulaneli—16,1/9, 2/-, 2/6.

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2/6, 2/11, 3/6.

Kuko i Bhulukwe ze Kodi ezitile (ezona zohlobo)

7/6.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela
asemqumbelweni). Zisusela ku 4/6 zise kwi ponti.

Iprinti ezisand' ukufika—3d., 4d., 5d., 6., 7d. nge yadi.

Ikaliko—2d., 3d., 4d., 5d., 6d. nge yadi.

Ilinzi—4d., 5d., 5 1/2 d., 6d. nge yadi.

Izitofu ezibugqi—6d., 7 1/2 d., 9d. nge yadi.

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu,
nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

u-ALUVENI.

YIZA KUBONA EYAKWA

BAKER, BAKER & CO.

IVENKILE YE NGUBO,

KAUKANGELE IMPAHLA ENINZI

Isuti ezimnyama nge 26/6

Isuti ezi Fancy nge 11/6

Isuti ze Serge nge 27/6

Ibhatyi eziyimi bhingo amanani
ngamanani

Ibhatyi ezi Sydenham nge 6/-

Ibhulukwe ezimnyama nge 10/6

Ibhulukwe ezi Fancy nge 4/6

Ihempe ezimhlope nezinamabala nge 1/-
ne 3/3

Iminqwazi elukuni ne tofotofu nge 1/6

Iveyile, Ityepsana, Ikausi, Izihlangu,

Shoes, i Blankete, njalo njalo

Ibhulukwe ze KODI zingamanani
amakulu (amawaka) ziqalela kwi
5/- nganye

Yiza kulevenkile wozibonela ngawako
amehlo.

BAKER, BAKER & CO.
EQONCE.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLLO, INGQELE, nazo zonke Izikuhlana MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSTI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

ISEBENZA NGOBUGQI.

I-RHEUMATICURO!

IEYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.



Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingaqambo Zentloko.

Lingqingwe ngama waka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

AMAYEZA

ADUME KUNENE

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniwini, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezozizifo ezizela zona; ngenxa yoku kaula uku necda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi ntsikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno enginwayo ukuba ingamayeza.

UMPHILISI WENENE (The Sure Cure). Umcisza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific). Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu ? iekatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum). Umcisza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingaqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamhlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient). Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, leesine nento ezinye.

UHLIKIHILA (Embrocation). Amafuta omti okupilisa ukuqambisa komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxakaza, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soothe). Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb). Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantsundu.

UMATINTELA (Antispasmodic). Umcisza wokupilisa ukuqunjelwa nesitipku nezinye nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic). Iyeza elilunge kunene kwizifo sokuba butataka nokungatandi nto itiywayo.

UBUGQI (Magic Healer). Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine). Into elunge kunene etanjiswayo ebonza bubebhule bugde ubuso.

UMGUTYANA (The Powder). Lisetyenziswa neli kutiwa "Leloni" xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenza zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhofilana nezitofilana ngazinye, eziti zakulandela ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekumbiko kaya, nandla, namhambi ungenawo lamayeza esirwece sokulunkela okungekheli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Iqira elisebenza ngemcisza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhofile nangamagosa ake kwinkoliso yedolophu zite Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA— E Qonce—Dyer A Dyer Malcomes & Co. D Drummond A Co. E Egumakwe—Mrs. Savage. E Monti—B. G. Lennon A Co. E Rini—E. Wells. E Dikeni—R. Stocks. E Komani—Mager & Marsh. E Bhayi—B. G. Lennon & Co. Engqusha—W. A. Young F q. Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

Isikolo Sentombi,

EMGWALI WAKWA NGQIKA. SIYAKUVULWA kwakona ngo 20TH JANUARY, 1890. M. W. HOPE, Superintendent. 30th December, 1890. 2i9,1,90

Isiminari ye Ntombi e Gcuwa

I VULWA ngomhla we 9TH JANUARY, 1890. W. J. HACKER.

Mawetu! Mawetu!!

YAZINI ukuba ndivule ecaleni kwe "Kaya" IVENKILE YENTWANA ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko nesebe Lenewadi ekuza kubako kulo zonke izishicilelo ezikozayo zesi Xhosa. Ako Amaculo amahlelo onke. Kuko ne Noti (Tonic Solfa) ezimaculo matsha, amnandi. Eliisebe lisaya kufezekiswa ukwanelisa ititshala, njalo-njalo.

PAUL XINIWE, General Agent. King Williams Town, June 10, 1889.

Isaziso Kuba Bhaleli.

NJENGOKUBA ndishenxela e Rafu (Graaff-Reinet) ekupeleni kwalenyanga bonke abandibhalelayo mize benjenje : Robt. Plaattje, Interpreter, R.M. Office, Graaff-Reinet. 3i2i190 Pearlston, 16th December, 1889.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekuwina yi Dundas Bridge, apo nufumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene,

ROBERT XHOLLA, Kowie Street. I Graham's Town, 28th June, 1889.

IZAZISO NGE " MVO. "

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlalela "IMVO ZABANTSUNDU" ukuba intlaulo ' Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyanga yokuqala..... 3s. Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlalele nokwelele ukuya kwa usaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s. Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

KUBALESI BE 'MVO.'

KULUNCEDO olukulu kwi 'Mvo' nakubalesi bayo ukuba bati kwindawo ezo bakuzo nezingelilo i Qonce, xa sukuba beye kutenga (1) KWI VENKILE EZIMEMA ABANTU NGE ZAZISO ezikwiipele le ' Mvo, ' BAYIXELE INTO LEYO kubatengeli, bexela nendawo abavela kuzo; (2) bati BAKUYAKUTENGA KWEZINGEKAZISI babe nombuzo ngokuba zingekenjalo.

Iveki.

IRULNELI no Lady Loch, bazimisele ukuhambela i Bhayi, i Rini, i Monti ne Qonce kwa isentsha inyanga ka February. Bayakuhamba no Sir Gordon Sprigg.

KWA Bhaca kekwako intlanganiso yokungangela amacebo okuba kubeko i Simnari e Tshungwana. Inkosi Umakaula inczakizo eselizitengile ezingaguqelelwa lomsebenzi, yaceta u Rev. P. Hargreaves ukuba alungiselele. Yamkelwa into leyo yi Konferens yase Wesile. Kukulungiselela isigqibo sayo ke ngezintlanganiso zimana ukubako.

IKOLONI yama Jelimeni eyayimiswa ngu Herr Nagel e Mampondweni ibhangile nama Jelimeni alishumi elinesibini ayengabantu bayo abhacile.

KUKO umfo ote ngalolongumbe ewela ezibukweni lomlambo wase Kokstad wooyiswa ngumsinga wenka. Usindiswe ngumbanjiwa obesebenza nabanye ezibukweni apo—ote wazilela wadada wawa wamkupa. Emva kwesiqingqata se yule ingamagxashi. ngxashi ubenokuhamba indlela yake umhambi lowo.

U REV. ROBERT JOHNSTON, umfundisi wama Ngesi e Bhayi, nowayengumlingane eskuleni wama umfundisi u Rev. Tiyo Soga, wamkele umsebenzi wokuba ngomye wetitshala e Lovedale. Uyakuba kona ukuvulwa kweziko.

ABAMHLOPE bebaqalile ukulungiselela ukubulisa i Ruluneli njengokuba izakuke ihambele kweli ipele nge Monti. Ibinga yinto entle ebonakalisile imbeko yawo namabandla amnyama.

E BALFOUR ngase Katala kufe kutsha nje isine sabantu abamhlope abakulu ngeveki enye, bemkiswa yi fiva. Into eninzi ilele.

I OFISI ze Union Boating Company e Bhayi, zitshe xa kuzakusa ngo-Mgqibelo ogqitileyo, kutyape ukuba ingeyiyo indlu ehلالا mpahla.

ABANTU bakwa Mzilikazi kuvakala ukuba abagxeki nto ekingeneni kwe bandla clinic kwe yi Nkosazana imvumelo yokusebenza egameni layo; baxolisekile ngalo lonke ixesha abelungu bengabhahluti malungelo abo.

ABANTWANA abaxela ezi Simnareni ngebengavunyelwa ukuyishiya lomzi ngexa lemva. Ngati bayakuba buqela abemke kutsha nje nemilanjana emincinane ngezi mvula ziqqitileyo.

INDLELA yase Xera, pakati kwe Qonce ne Rini, incoonywa ububi emva kwalonogumbe. Ingwelo azina kuyihamba.

E MTATA kunconywa ubuninzi besifo, abantu babanjwe lirashalala ne fiva.

U PRESIDENT REITZ nenkosikazi bamkelwe kakhule e Kapa.

EBHEKISELELE kumanyano lwe Africa u Sir Henry Loch ute akufuneki ukuba impato yeli yahlukane nompesheya (England).

ABAPICOTI botywala basagodukile okwangoku. Bate ga nge Komani. Bobuyebahlangane ngo March ukulungiselela ingxelo yabo.

U GENERAL SMYTH obebambele u Governor Loch, obekwangumpati wemikosi ye Nkosazana e South Africa, wenziwe i Ruluneli yase Malta esikundleni somfi u Sir H. O'D. Torrens.

U MAJOR GENERAL CAMERON obepete imikosi yase Hong-Hong uzakupata eyase Koloni apa ngoku.

NGOLWESI-NE Iweveki egqitileyo (26 Dec.) ibiyiqingqutela e Ndwana kongamele imantyi yase Xalanga u Mr. C. J. Levey, umzi ontsundu ucinga ngokumisa isikula esingati sibanganeni kwe sinala sokufundela amadodana. Umhlobo wetu u Rev. J. M. Dwane ungene unyayo nezandla kulomsebeazi. Simnqwenela impumelelo.

KANTI kuhleliwenje kuseko ititshala pesheya kwe Nciba ezibezinga zanga zilubone ulwandle. Sesiva ngenye eke yangena kale ofisi yetu.

KUNCONYWA ukutobeka kwezibuko le Nciba kulendlela igqita Emgwali. Ngenye imini ute ewela umlungu nge kari watshona, ute eyakuti Chiti ngapesheya waselete ti, lafa lona elinye ishashe. Kuko izidumbu zabantu (3) ezibonwe zisibla nomlambo, kwangokunjalo kubonwe amashasho amatatu esihla nesafi efile, ekungavakali nto ngabantu.

I ALMANAK isalungiselelwa.

U MR. WALTER DRENNAN, unyana ka Mr. W. Drennan, umpatiswa ndlela ka lolive e Monti, ubetwe lizulu kuvelwa kumdlalo oyi pic-nic ku Gomp, ngolwesi-Ne Iweveki egqitileyo. Ubekelele ehasheni elandela ingwelo nomnye. Utsho entloko umbane wehla ngomqolo wangena esalini naseshaseni, umkweli nehache bafa kwayoko. Ibjindodana emashumi mabini anesibini ubudala ifanda ukuqondisa umteto ko Messrs. Lance & Wakefield. Hai usizi lwabahlobo.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-HLANU, JAN. 3, 1890.

ITYALA LIKA RICHARD KAWA.

ABANINZI mhlaumbi sebebonile ukuba u RICHARD KAWA, umfana oke waduma ngemfanelo kweli cala lase Ngqushwa usentolongweni, unike nginyanga ezisitoba esebenza nzima. Ukuyi kankanya lendawo ka KAWA asikuko kutanda ukumhlazisa, asikuko nokunqwenela ukuvakalisa indaba; kodwa kukutanda ukwalata ubukulu bento eyenzekileyo, esikolwa ukuba aya kubuya ayiqonde amakowetu.

Ityala lala ndodana kutiwa yabhala incwadi yayisingisa ku Rulumente, yaye lencwadi isiti inkosi nabantu base Ngqushwa babuza ukuba kutenina lento amatyala abo angatetwayo zimantyi — amatyala anje ngawamakazi, awokwalana kwendoda nomfazi, nawokonakala kwentombi, namanye amatyala abangelwa kukwahluka kwentlalo yomhlope kontsundu. Kekaloku ite yakufika lencwadi komkulu kwapindiswa umbuzo oza kubantu balamagama akuyo ukuza kuba ukuba okunene ibhalwe ngabona. Bafika bona bayipepa; yazake yangena kweso situba intambo koka KAWA. Kunjalo njeke sakuva bati aba bamfaka intambo abakangeli mazwi alencwadi : amazwi wona okunene azizikaloo zabo, into abangayaziyo yincwadi le yodwa. Injalo ke ukuvakala kwe-

ndawo esitanda ukwenza amazwi etu ngayo; ukuba kuko ukungayi tabati kannandi wosilungisa owase Ngqushwa.

Indawo ke esikuyo yeyokuti asikuko nokuba umzi wakowetu uhlelwe yinto embi kakulu ngale nteto; into eya kuwucinezela iminyaka emininzi. Akucacile kum'bhali walamazwi ukuba eyona nyaniso yalo mcimbi ipina— ukumpepa kwamadoda ase Ngqushwa akudange kuvakale kuti bagama; kubambe kuba namazwi angade omnye ati ukuyixela lendawo kulandulwe kungalandulwa. Kunjalo njeke umbhali walamazwi akasakaulezi ukuti abantu bakukanyela into enje ati yinene londawo; ungomnye wabasebesuke boyiswe bubungqina obuhle bokungazani kwabo nalonto. Wake naye wapetshwa; abantu ababemfaka intambo

babe senjenjalo ngendawo ababe mcele ngokwabo ukuba ababhalele: kanti iza kuti yakumka incwadi babuyebazisole ngeso sicelo; bati bakuzisola bangayivakalisi lonto kum'bhali, pofu kulula ukuyinqanda yonke lontoto. Endaweni yokuti kum'bhali pindisa ipepa lokuba asisatsho, balinda ukuba kude kufike isitunywa sika Rulumente esize ngalontoto yabo, basuka namhla bampepa um'bhali wala mazwi, wada wazikulula ngokubabamba ngendawo abakohlwayo kukuzikanyela; baqala kaloku ukuyivuma yonke lonto, kwavela nabaze kuti ngasese, tina sibe site nqa ukuba kukanyelwa ntonina; batsho bebengaveli paya apo um'bhali ebefakwa intambo ngesicelo esasiqalwe ngabakanyeli. Okunye sake seva imbali yomfundisi ontsundu owayekwaceliwe ukuba abhalele abantu, baza abanye bakubona ukuba lento bayicelwayo ayamkeleki kannandi kumadoda atile akwa Rulumente bayawaroxa, naye wasinda ngokukwazi ukuteta, nokuti kubeko abangavumanga ukumfaka eludakeni kanti babembalekele.

Ukutsho ke asikuko ukutetelela u KAWA. Imbali zalo wake umcimbi azivumi kucaca ngohlobo lokuba siqavise ukuteta; kanjalo nokuzipata kwake kutsha nje akusiniki tuba lokuba singangena kwicala lake singaqondanga. Sifuna ukuvakalisa ukuba asinayo nendlela yokukuleza ukumgweba. Nokoke liseko elona zwi liyantloko elibangela ukuba sibhale, sivakalise usizi esinalo. Siti, ukuba okunene lomfana ka KAWA ubhale into yake engaziwa mntu, uzizape amandla zonke incwadi eziya kubhalwa zisiti bati abantu abantsundu. Ibe isel' iko kakade intetoeti abafundisi baman' ukuti nasi isikalo sabantu, batsho beganzani nabantu. Namhla ke kuya kutiwa iyawa sesika KAWA, zize zidukiswe ngelozwi izinto ezicelwayo, bakohlwe nabateteleli bazo. Kanti ke nokuba angaba oka KAWA usele eludakeni ngohlobo ayeza kufakwa intambo ngalo lamadoda mabini sike sawakankanya, liya kuhlala liko izwi eliti iyawa ayinjalo ke lonto. Kuze okunye kuvele indawo yokuba boyike ukuncediswa abantu abanokusibhalele; sibe ngoko zizisulu ezifana nomfazi obetwa etshixelwe ngapakati. Uhlobo amangalelwe ngalo u RICHARD lutyla ukuba nokuba tina bantsundu asiziboni iziqhamo zeliyala abamhlope bona babuqonda kakuhle ubukulu bento eyenzekileyo. Siyaqokela ukuti nokuba inyaniso ingasebantwini nokuba ingaku KAWA, ufile wona umzi ontsundu. Asi KAWA yedwa ofakwe etolongweni. Umbhali walamazwi mhla walifunda elityala wakala esiti,

“ Ngqushwa wakwenz' ukwenzu. ”

KWA ZULU.—Aziko indaba. Elayamanene nolwandle lakutya ulibo nge Nibidyala.— Intaba ezibalulekileyo, ngum Lenga apo bekusima Amabhele akwa Qunta ne Mpungwini apo bekuma abakwa Maqubela. Ingwelo zama Bhulu kuyesabeka Emhlope, igama elo lixela amatambo amhlope emikosi ka Dingana eyabujiswa ngama Bhulu, kuti ke ngeminyaka yonke ngo 15 Dec., ngenqwelo nentsapo enze umbedesho omkulu isikumbuzo nombalelo kuba oyisayo emlanjeni we Gazi (Blood River). Impohlo, luyosi, Idlambedli no Inkulutyana—ngamagama amabuto ka Dingana afa lomni. Ama Bhulu enza kwalonto a Majuba apo ayesilwa kona no Sir Geo. Colley.—Sivunguvungu ebesingangwe nomoya' nomilo kwi ndawo ekuwina ngama Geeke apo site sakufika enqweleni sayipetula yabhekisa ivili pezulu nabantu baranguka, kumti otile sakotulala abantu nezindlu sabasa apo kungazi bani.

UKUFUDUSWA KWE OFISI YASE HEALDTOWN.— Nakuba kungabonakali siqamo siyakulelwa kuxoxwa kwalo mcimbi kwipele le Mvo, siyingenisa lenteto kuba ilinga ukupendula enye ebesiyingenisile : — Ndidibone kwi Mvo ye 31 October, umfo ogama lingu Nondyola esanekela umzi wakowabo malunga ne Ofisi. Ke nakuba sekukade kutetwa ngayo le ofisi, zibonakaliswa inyaniso kuyo omabini amacula, yona into eyinyaniso aenobnandi kukuba mayibese Nxukwebe. Ke Mr. Nondyola ude wakankanya ukubalwa kwamagama esikolwayo ukuba kujukwe nabengeko baye ???- namvumelo yokuba i ofisi ibese Ntoleni. Okwesibini Mr. Nondyola ukankanya nokuba indlu akuyo umantya yayiyeyesikolo ukwakwa kwayo ngu Mr. Tshona eyakala abantwana bake. Kekaloku ke Mr. Nondyola asifumanisi ukuba wati u Mr. Tshona mayimke imitika ingangenisi tyalike apo, into esiyiqondayo tina kukuba yeyetyalike. Nasi isizatu ute ekubeni umantya enza wayeza kulungiselelwa enye indlu, ingeyiyo leyo wena namhlanje uyibiza ngokuba yi private schoolroom, kuba kwakusaziwa ukuba yindlu yetyalike, imibhedesho iyibiza ukuba inkonzo zange Cava ziqutywa kona. Besekumzuzu sapelayo isikolo, yaza yanikelwa ukuba ibe yityalike. Kungoko siyakusoloko sisiti kufanele ukuba i ofisi mayibese Nxukwebe. Lomntu wayeyakile mayibe namhla inkonzo iqutywa pina ?

Amanqaku.

ISIMINARI entsha ye Ntombi e Gcuwa iya kuvulwa ngolwesi-Ne Iweveki ezayo (9 January). Kumnywa izizwe kuba "koxhelwa elityebileyo itole." Singavuya sibe nokuvakalisa ukuba umsebenzi wokuyiyela le Siminari ubhambiseke njengoko injalo iminqweno yompati wayo u Rev. W. J. Hacker. Yakiwe ngendleko enobom, kodwa yitiki lonto kwizizwe ezizandla zikululekileyo ezimele Inciba.

SIYAVELANA kakulu nomfundisi ekuwina ubekatazwa kukungena kade kwabantu etyalikeni, nokuti xa kuko umntu ofikayo, abanye beguquke bakangele. Ute lomfundisi ngenye imini: Bazalwana asikoko nokuba bayasi pazamisa ababantu bangena mva; babangela ukuba nipulukane neyomanto benzele yona, ningxamele ukwazi ukuba ngubanina lo ungenayo. Sendiya kunceda ngokuti kwakungena umntu ndinxelele igama lake ukuze ningaguquki nikangele ngasemva. Utsho ke waqala intshumayelo, wati esati, "Bazalwana abazintanda" beva selesiti, Ngu Stubbins nomkake nentombi yake, watsho waquba intshumayelo. Kungekabi pi, uvakele esiti, Ngu Sam Curtis no William Diggle. Zisuke zabapata abantu intloni, bonke bakangela ezincwadini. Ute roqo ngokubiza abantu, kungoko nokukangela. Apo azonele kona kungene inenekazi elitele, wavakala umshumayeli esiti ngu Mrs Symons, unxibe umnqwazi omtsha; ute akukankanya umnqwazi omtsha, amanekakazi akaba nankunyamezela, ajika ukuke awubone wona wodwa, kungabi sabanani nokuba ukaxanisekile umfundisi! Abalisa imbali enjalo amapepa Amangesi.

UMZI uyakuba seluzinzi no Right Rev. Bishop Key wase Mtata kuba eshiywe ngunyana wake obeminyaka ilishumi linesitatu ngo-Mgqibelo wengapaya. U Dr. Key, njengokuba usazi umzi, ubesand' ukulahlekela yinkosikazi ngazo eziveki, ubunzima bomxhelo abuyayo siyabuya nati. Sekumandli kuba esazi u Bishop ukuba neholobolo aliwi ngapude kokuba abe uyalazi u Nkulunkulu.

KUSAMAN' ukuvakala imithontshi yokuba lonogumbe ubeko uzeniganeko azenziweyo— ukumka kwemincinane njengobusakiwa e Tsono ngase Cala nowakwa Komani; nabantu abemkileyo nje mngomfanaka Mr. Thomas Mqanda u Fredy bevela esikoleni e Healdtown omke nesipambusa se Bhira (Igweshe) Engqushwa. Siyamkuzwa kunene lowo mhlobo wetu. Ukuwa kwezindlu zabanyama, amanqugwala, kabe nemikutuka njengokuba kubanjalo ngase Ngaca apo inkwenkwe iwelweyo kunye nabanye yafa yona, pofu unina ebete mabapume iyawa indlu watsho wapuma. Nangase Tyolomnqa kubaliswa kunene ukuwa kwezindlu, emaninzi amacebeshu. Uko nakona, umkutuka nakweicacia liya e Nciba kumana kuvakala ukuba kuko abantu abemkileyo.

AMALEDI e Tennis Club yabamnyama base Qonce afanelwe ngumbulelo ngokuti usuku lokuqala lonyaka alwenzele isihomo olungadi ngokusifumana pakati kwamawetwa omzi wase Qonce. Enze i pic-nic pezu komlambo kulayo mntu mide yakwa Bhofolo, yabanokuziyilisa kona impi entsha; kwakuhlana. Sincoma o Miss Jonga no Miss Vutula no Miss Puta ngemigudu yabo kuba benzele abazintandayo into ezintle ituba lokupumza ingqondo. Imbutu ezinjengobe zilungile, ukuba abantu batanda imigcobo yokukanya, abatiya ureleyo lobusuku, bapume baziqatse emfanelweni. Abatiye ukukanya bahleli bezigcobisa futi bona; kulungile ukuba nabokukanya bake kabe ne chance. Amabandla ebhola e "Champion" CC., ne "Frontier" CC., ate elituba alienza elomdlalo obonise ukuba kubambene amadoda, onelwe yimvula. Pambili kuba elimnyama elise Qonce entweni zokukanya nesimilo.

UHLOLI WEZIKOLO.—Uwavale umsebenzi wake walonyaka ngokukangela esase Mac. farlan, wakalaza kakulu ngokuba bincinane kwabantwana, kambe umfundisi welocala ukala kakulu ngokuti isixeko akuso asikoko nokuba asiyinyamekele imfundo.

IZIKOLO ZIKA MR. MZIMBA.—Kuko indawo eyaka yenzeke malunga nezikolo zika Mr. Mzimba, esingakulwayo ukuba sake sayivakalisa nakuba sayipalulayo entliziyweni. Kolunye uvuyo lwe titshala sapaula ukuba zonke intombi ezifunda e Lovedale ezalupumlelayo — zazizezemizana epetwe ngu Mr. Mzimba yedwa. Lonto siyikunjuzwa kukuba kuvivo lwentombi lwe klasa ezipambili zase Lovedale, obeluko ekupeleni kwale seshoni amagama apambili omame kwangawemizana epantsi kwalo mfundisi. Lomagama ngala S. A. Mahlentle, Annie Mahlentle, E. Zokufa no Buyiswa Ntshona.

UKUFUDUSWA KWE OFISI YASE HEALDTOWN.— Nakuba kungabonakali siqamo siyakulelwa kuxoxwa kwalo mcimbi kwipele le Mvo, siyingenisa lenteto kuba ilinga ukupendula enye ebesiyingenisile : — Ndidibone kwi Mvo ye 31 October, umfo ogama lingu Nondyola esanekela umzi wakowabo malunga ne Ofisi. Ke nakuba sekukade kutetwa ngayo le ofisi, zibonakaliswa inyaniso kuyo omabini amacula, yona into eyinyaniso aenobnandi kukuba mayibese Nxukwebe. Ke Mr. Nondyola ude wakankanya ukubalwa kwamagama esikolwayo ukuba kujukwe nabengeko baye ???- namvumelo yokuba i ofisi ibese Ntoleni. Okwesibini Mr. Nondyola ukankanya nokuba indlu akuyo umantya yayiyeyesikolo ukwakwa kwayo ngu Mr. Tshona eyakala abantwana bake. Kekaloku ke Mr. Nondyola asifumanisi ukuba wati u Mr. Tshona mayimke imitika ingangenisi tyalike apo, into esiyiqondayo tina kukuba yeyetyalike. Nasi isizatu ute ekubeni umantya enza wayeza kulungiselelwa enye indlu, ingeyiyo leyo wena namhlanje uyibiza ngokuba yi private schoolroom, kuba kwakusaziwa ukuba yindlu yetyalike, imibhedesho iyibiza ukuba inkonzo zange Cava ziqutywa kona. Besekumzuzu sapelayo isikolo, yaza yanikelwa ukuba ibe yityalike. Kungoko siyakusoloko sisiti kufanele ukuba i ofisi mayibese Nxukwebe. Lomntu wayeyakile mayibe namhla inkonzo iqutywa pina ?

Abapicoti Bonxilo.

E QONCE.

Umhla wolwesi-Tatu, we 11 ka Dec. yayingumhla omkulu Eqonce, umzi wawubizelwe ukuya kuhlangana nabapicoti bonxilo, abatunye ngu Rulumente, kute noko umzi uqutyulwe akwaxela kakulu ukuba uqutyulwe.

IMIDUSHANE

yahlanganiselana e Cegecyeni, apo isikungu sasikona, kwesuka u Nkosi u Seyisi wacazela umzi into ekungayo,wati ke nize nilumkele ontammani abaya kunixaka, ngobu benu utywala. Ke mna sendizimisele ukubuchasa bobubini ngokufanayo, umntu ke ongavisisanayo nalendawo makaxele kwalapa singekayi kubelungu, wasuka umzi wawumelana wonke kwelozwi. Kwaba

KUYANGENWA KE E TOWN.

Yenza into entle impi amahashe ehamba ngamabini ekokelwe yi Nkosi yawo u Menziwa waqonda nowasemlungwini ukuba namhla konakele, kuziwe kubinzwa iramcwba elatshiwo ngu “Xego Dala.” Mandenze kufutshane nditi,

KWANYULWA ABATETI

bonzi. Y’aba Zinkosi zontatu Menziwa, Seyisi, Siniti no Mema, O. Zihlangu, J. Tunyiswa, J. Tuntana, W. C. Mtoba, M. Mali. Okwenene yabubisana emwa kve dinala ngo 3’30 o’clock, kwangena abatei bodwa, umzi wasala pandle abatei babuzwa ngabanye emasendisiti benze

INTETO

efanayo bonke, bechaza imbubo ebangwe lunxilo kwelizizwe, (a) bayelise amangcwaba abangwe lolunxilo, (6) bayelise ubuhlwempu obubangwe lolunxilo, imizi ebfidulala izityebi namhla ibhangile, (c) bayelise ubuhlihlifi obubangwa bobutywala, ate amadoda afudula enengqondo namhla azizihlaba, amadoda afudula egcine amakuya awo namhla ahlahla kuhlwe enkanti, baqokela ngeliti ngoku kungene nosapo, abafazi nabantwana. Bagqiba bonke ngeliti sicela u Rulumeni ukuba asincede kweliramcwba ligqibe umzi ka Palo lawubhubhisa. Asizwe ngelitu, U Rulumente niyamtembana? Site tina, Ewe. Kubuzwe ezinkosini ukuba Kungokuba kutenina lento nicela u Rulumente ukuba anenzele umteto ningazenzeli nje nina kanti niya bubona ukuba abulunganga? Zite zona, Kwenziwa kukuba asisezizo inkosi. Ngubani inkosi? Ngu Rulumente. Nizintoni nina? Sizizibonda zake. O, yiyo lonto ke nikala ku Rulumente kukaba inguye inkosi? Ewe. Nitini ngobu benu utywala? Nabo mabuvalelwe, lemigidi yetu, ezimbara. Nitini ngentongeni ezi? Nazo mazingabi natywala. Abutini u Rulumente ukubuvala kwake? Bunqabe njenge ruluwa ne tyefu. Iti le Koloni yetu ibe njenge yase Natala. Lowo mteto wobekwa nini nxa wenzizweyo? Ewe, woti ngawubekiyo umteto, umbete kunye nomlungu lowo umtengiseleyo. Ukuba benise negunya lenu beniya kubupelisa? Ewe, kuba tina ebeya kati umntu owapule umteto we nkosi atyiwe zonke inkomana zake, baze abanye boyike ngaye. Kuko inkanti ezikufutshane nani? Ewe. Zezobani? Yeka Reeves no Wright. Kuyanxilwa kwezo nkanti? Kakulu. Ke nibabone abantu benxilile kwezo nkanti ngawenu amheho? Ewe, futi. Okuya zazike zavalwa ezo nkanti kwakuncipile ukunxila? Ewe, kakulu. Hai sivile tina ngamangqina amanintshi, ati yaba kukona unxilo lunamandla? Akuko nto injalo, bona bateta ngokuya, tina siteta ngokubona ngamheho etu kuba sisezilalini; kupela into eyayituneka kukwandiswa kwezo nqila.

Kubizwe ke umzi ukuba mavungene, owatsho yazala i ofisi wasala pandle. Uqutyelwe ke ngu Mr. Justice Maasdorp into yabatunywa babo, wati ize bati abayivumayo, Ewe; nize niti ukuba niti bayanixoka antishongo niti, Hai. Utsho wawubeka owokuqala umbuzo, wati wonke umzi Ewe. Wawuposa owesibini, kwati tu. Yaba iyapela ke inteto apo. Ute ke umfo siyivile ke inteto yenu, siya kuyisa ke ku Rulumente. Yoti ke yakudibana i Palamente nilive izwi lwa. Nalento yabatunywa benu iya kushicilelwa ibe yincwadani zokufika nakweli lizwe niyifumane nani.

Zaba njalo ezamhla saqubisana neramcwba engxingweni embi kunene. Ngamana laba liya kubetwa entloko life mplela kanye, life kunye netole lalo eli limana liteketiswa umzi liwubhubhisa. Kungati ke kwanjalo sibulele ku Tixo umdali wencam zomhlaba, omheho angozeliyo. angazange abe naluratyazo lwabutongo, osuke wati akubona ukuba irement ekohlive liqinga, iramcwba liyingene, suka wabiza aba Heyidneni, abantu baKe, balibeta entloko, kuba o Sirayeli libagqibile, ne Conference zabo ziya whawhasa yinqaba ukwenza umteto owomelelyo. Lifile ibandla le Nkosi, sesilinde impendulo enyangweni ngalo mcimbfi.

